*Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.*

*Ukumkanikazi waseSoweto*
*(Queen of Soweto)*
Illustrated by Mia du Plessis
Written by Jessica Taylor
Designed by Marli Fourie
Translated by Sihle Siko
with the help of the Book Dash participants in Cape Town on
30 August 2014, listed here: http://bookdash.org/book-dash-cape-town-august2014/

ISBN: 978-1-77623-074-7

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.
No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.
Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.
No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.

UBasetsana Makgalemele wazalelwa kwilokishi ekuthiwa yiSoweto. Yintombazana yesithathu kubazali bakhe. Bamthiya igama elinguBasetsana elithetha ukuba “amantombazana”. Kwinkcubeko yabeTswana ukuthiya intombazana ngelo gama kuthetha ukuba umntwana olandelayo uya kuba yinkwenkwe. Oku kwenzeka. Umntwana olandelayo wabazali bakhe waba yinkwenkwe.
Abazali bakhe, oodadewabo abadala kunaye nomfowabo omncinci bonke babembiza ngokuba nguBassie xa benqumlela igama lakhe.

Ngoku wayesengumntwana, uBassie wayeneentloni kakhulu. Wayethanda ukucula nokudanisa yedwa kwigumbi lakhe.

Ngenye imini esikolweni xa babeqeqeshelwa ibhola yomnyazi, umqeqeshi waxelela amantombazana amabini ukuba makakhethe amaqela. UBassie wema ekupheleni kwebala enethemba lokuba kwakukho owayeza kuthi, “Yiza kudlala nathi!” Kodwa zange kubekho mntu ufuna ukuba adlale kwiqela labo.

Zange bazi ukuba uBassie wayeya kuba ngomnye wamantombazana adumileyo elizweni.



queen-of-soweto_interior.indd 8 2020/08/07 20:01

Ngeempelaveki, yena nomfowabo noodadewabo babencedisa umama wabo owayengutitshalakazi kunye notata wabo owayengumqhubi webhasi ukubhatala amatyala. Babesenza amaqebengwana ahlohliweyo okuthengisa kwimidlalo yebhola yasekuhlaleni. Babezama ukuthengisa yonke into ngokukhawuleza kangangoko kwakunokwenzeka ukuze babe nexesha lokudlala nabanye abantwana xa umdlalo uphelile.



queen-of-soweto_interior.indd 11 2020/08/07 20:01

Kodwa ngethuba uBassie efika kwiminyaka eli-16, wayeyinzwakazi entle. Wayemhle kangangokuba waphumelela ukhuphiswano loonobuhle ababini ngonyaka omnye: uMiss Soweto kunye noMiss Black South Africa.

Kodwa uBassie wangemhlanga ngaphandle nje kuphela. Wayemhle nangaphakathi. Nangona wayengunobuhle, wayeyikhathalele indawo akhulele kuyo.




UBassie wayekrelekrele. Wayezimisele esikolweni, ngakumbi kwizifundo awayezithanda kakhulu: iNzululwazi. Ukusebenza nzima kwakhe kwaba nomvuzo xa waba ngoyena mfundi ugqwesileyo kwiNzululwazi kwisikolo sakhe kwimatriki. Zange kuphelele apho, waba yiNtombazana eyiNtloko. Intombazana eneentloni ngoku yayisele iyenye yamantombazana adumileyo esikolweni.

queen-of-soweto_interior.indd 14 2020/08/07 20:01



Utata kaBassie wayesoloko ekhuthaza abantwana bakhe ukuba mabafunde. Wamnika incwadi ebizwa ngokuthi *The Power of Positive Thinking.* Kuloo ncwadi, wafunda ukuba ukulindela okuhle nethemba sisitshixo sokuphumelelisa amaphupha akho. Wayephupha ngokuphumelela uMiss South Africa. Zange nje elo phupha lifezeke, koko wathweswa isithsaba sokuba yiNkosazana yokuQala kukhuphiswano lukaMiss World!

Umama kaBassie wayengumzekelo kuye. UBassie wamchaza umama wakhe njengomntu "ongoyikiyo, inkosikazi yomXhosa esebenza nzima eyayingatyhafi ngokutyhafiswa." Wayeyititshalakazi yaye uBassie wayenezicwangciso zokulandela ekhondweni lakhe, kodwa izinto zange zihambe ngokwezicwangciso! Emva kokuphumelela uMiss South Africa, waba ngumsasazi kumabonakude. Wayengenguye utitshalakazi, kodwa njengomama wakhe wayesebenza nzima. Umsebenzi wakhe kumabonakude wenza akwazi ukuvula inkampani yokulawula imidlalo kamabonakude. Ngoku wayesele eyinkosikazi engusomashishini ophumeleleyo.



Imotho kaBassie ithi: “Kubo bonke abanikwe okukhulu, kuya kufunwa okukhulu.” Ukholelwa ukuba unikwa isipho ukuze unikezele nakwabanye. UBassie ukwenza oku ngokuvolontiya, anikezele ngexesha lakhe nemali edala namathuba emisebenzi. Ubandakanyeka kwiiprojekthi kunye namaqumrhu anikezela iinkonzo zesisa kubantu bendawo ahlala kuyo. Eyona isondeleyo entliziyweni yakhe yiNelson Mandela Institute.

UBassie wayenobudlelwane obusondelelene kakhulu noNelson Mandela. Ngethuba ephumelela uMiss South Africa, uMadiba wambhalela ileta evuyisana naye. Kwileta leyo wambiza ngokuba “nguKumkanikazi wethu”. Babesabelana ngothando lwabantwana nemfundo kunye nenkolo yokuba isizwe esifundileyo singalwa intlupheko.





queen-of-soweto_interior.indd 22 2020/08/07 20:02

Ngowama-2002, uBassie watshata noRomeo Kumalo waza waziwa ngokuba nguBasetsana Kumalo.

Bekunye basungula iRomeo and Basetsana Kumalo Family Foundation. Lo mbutho ukhathalela iinkedama – abantwana abangenamama notata.



UBassie kwafuneka afunde ukulungelanisa umsebenzi wakhe oxakekileyo kunye nobomi bosapho lwakhe.

Unenkampani yakhe ebizwa ngokuba yiBasetsana Women Investments Holdings. Yena noRomeo banabantwana abathathu, amakhwenkwe amabini kunye nentombazana. UBassie ubona indima yakhe njengomama kubantwana bakhe "ilubizo oluphakamileyo nelona lungelo lilodwa."

queen-of-soweto_interior.indd 27 2020/08/07 20:02

UBassie uthi, “imfihlelo yempumelelo yakhe sisibindi, kukuzimisela, ukuzinikezela nokuhlala uzinikele kuloo nto uyenzayo.” Nakuba ephumelele, uqhubeka ethobekile ngexesha ezama ukwenza ilizwe indawo engcono.

Ukuba mhle ngaphandle akukwenzi ube ngumntu omhle. Oko kwenziwa kuphela yintliziyo egcwele luthando nobubele. Yiyo loo nto uBassie enguKumkanikazi wethu omhle.



